



# ISIFO SOKOPHA KWEMIVUNDLA (RHD)

## Imibuzo exhaphakileyo (FAQs)

i RHD sisifo esibulala imivundla neembila nebesingekabhengezwa eMzantsi Afrika phambi komnyaka ka 2022.

### 1. Yintoni ebangela isifo sokopha kwemivundla?

i RHD ibangelwa yintsholongwane ekhokelela kwisifo sokopha kwimivundla (RHDV). Zintathu iintlobo ezicacileyo ze (RHDV) esele zoboniwe nezibangela ubunzima besi sifo, nalapho ukuqhambuka kwe RHDV2 kuqala ukuthyuthya-thyuthya kuninzi lamazwe ase Yurophu, Australia, ngaphantsi nje kwesiqingatha kwiZizwe Ezimanyeneyo eMerika (USA) nase Canada. Esi sohlukileyo sinezinga elohlukileyo lokufelwa nelingu (5-70%). Siyazichaphazela neembila, asifani nalantsholongwane yesiya sokuqala.

### 2. Zeziphi iinyamakazi ezinokuxhaphazeka yi RHD kuMzantsi Afrika?

Ngaphandle kwemfuyo yasekhaya kunye nemivundla yokuvelisa eminye imivundla esondeleyo kwimivundla yase Yurophi, ngokwemvelo, ilizwe loMzantsi Afrika linentlobo ezimbini zemivundla, neziyi "Cape hare (vlakhaas)" imivundla engqoqo (kolhaas), kunye nezinye iintlobo ezimbini zemivundla nezizeli lizwe ngemvelo, nekuthiwa yi "red rock rabbits (rooklipkonyne)" kwakunye nolunye uhlobo olunobungozi kakhulu nekuthiwa yi "riverine rabbit (Oewerkonyn)" nesele kusele nje amakhulu am'balwa kuyo. Okwangoku, asikayazi ukuba yeyephi na kule mivundla iyeyeli lizwe enokuthi ibe iyohlulwa sesi sifo.

### 3. Zinjani iimpawu ze RHD emivundleni?

Kukufa ngesiqophe, ngaphandle kweempawu ezibonisa ukugula, lolona phawu luhlasela kakhulu. Noko kunjalo, iimpawu ezikhoyo zokubonisa ukungaphili ziquka umkhuhlane, izifo zemithambo, ukuphefumla nzima, uxinezelelo, ukonqena ukuhamba nokungafuni ukutya. Kuqheleke ukuba ife phakathi kweeyure ezili 12-36 emva kokuhlaselwa ngumkhuhlane.

### 4. Ingaba iinyamakazi ziyifumana njani i RHD?

i RHD iyafumaneka kwilindle nakumchamo wemivundla esele yosulelekile ze isasazeke mhlawumbi ngokuphefumlela ngaphakathi okanye ngokwetyisa. Ngaphandle nje ngokudibana nenyamakazi esele yosulelekile, ukutya okungcolisekileyo, indawo olala kuyo okanye izixhobo zokusebenza zingazezinye zonobangela bokufumana ukosuleleka yi RHDV, nanjengokuba unamnadla okuxhathisa ekungasebenzini komzimba namachiza asemzimbeni, ingakumbi xa ikhuselwe ngamayeza angawemvelo. Usengaphila iinyanga ezininzi kuphahla lwezilwanyana nkqu nasekutyeni.

### 5. Ingaba imivundla iyachacha de iphile emva kokugula?

Akukho lunyango luqinisekisiweyo lokunyanga esi sifo. Xa umvundla uye waphila, uyakukwazi ukungosuleleki kulosuleleko lwezinye iintsholongwane. Iyakwazi ukuvuthulula iintsholongwane kwixesha elingaphezulu kwenyanga, yilonto kubalulekile ukuba iinyamakazi ezosulelekileyo zikheswe kwezo zichachayo.



## 6. Ingaba abantu nezinye iinyamakazi bayakwazi na ukosuleleka yi RHD?

Hayo, ngoba esi sisifo esikwimivundla kuphela.

## 7. Ingathintelwa njani i RHD kwiinyamakazi?

Okwakaloku nje, akukabikho lugonyo lukhoyo apha eMzantsi Afrika. Njangezinye izifo, i RHD ingathintelwa ekubeni ibhuqe umhlambi ngokuthi kuqinisekiswa ngokuyikhusela kwindawo ephila kuyoy:

- Nceda ungathengi/ unganiku mntu umvundla kude kubekho ulwazi ngokusasazeka kwesi sifo kuMzantsi Afrika
- Sukuvumela ukuba abanye abanini-mvundla bangene kwindawo yakho
- Sukuvumela nakuphi na ukuhlangana komvundla ofuyiweyo nalowo wasendle
- Sukuchukumisa nawuphi na umvundla ongengowakho
- Hlamba nakuphi na ukungcola okungakhoyo kwizixhobo ozisebenzisayo okanye noba yintoni, emva kokuzihlamba ngamanzi ane “bleach” exutywe kumlinganiso oyi 200 ml nge litha yamanzi, ze uwuhlambe kangange mizuzu eli shumi 10.

## 8. Kufuneka yenziwe ntoni imivundla efileyo?

Yazisa ugqirha wemfuyo kurhulumente nokwindawo okuyo ngemivundla leyo, inani layo nendawo ekuyo, thwebula imifanekiso yayo (yifote) ze ungcwabe uphahla okanye izidumbu zayo kwingcwaba elibunzulu buyi 1,5m ubuncikane. Enye indlela kukuba uwutshise uphele.

## 9. Ndinga qhakamshelana njani no gqirha wethu kwezonyango lwemfuyo kurhulumente ukuze ndifumane ulwazi olongezelekileyo?

Ngena ku <https://www.elsenburg.com/veterinary-services/animal-health-and-disease-control/> ukuze ufumane iinkcukacha zogqirha wenu kunyango lwemfuyo.

### CONTACTS:

ISIKHUNDLA	IINOMBOLO ZOMNKEBA	E-MAIL	IDILESI
u Gqirha woNyango Lwemfuyo e: George	044-803-3771/0	SVGeorge@westerncape.gov.za	4 Varing Avenue, George
u Gqirha woNyango Lwemfuyo e: Boland	021-808-5028/5253	SVBoland@westerncape.gov.za	Western Cape Department of Agriculture building, Muldersvlei road, Elsenburg
u Gqirha woNyango Lwemfuyo e: Swellendam	021-808-5059/028-425-4850	DOA.svswellendam@westerncape.gov.za	67 Voortrekker St, Swellendam
u Gqirha woNyango Lwemfuyo e: Beaufort West	023-414-9220/1	DOA.svbeaufortwest@westerncape.gov.za	Blyth St, Beaufort West
u Gqirha woNyango Lwemfuyo e: Vredendal	027-201-3514/-0	DOA.svvredendal@westerncape.gov.za	Cnr Matzikama and Noord St. Vredendal
u Gqirha woNyango Lwemfuyo e: Malmesbury	022-433-8915/0	DOA.svmalmesbury@westerncape.gov.za	Cnr Spoorweg and Munisipale St, Malmesbury
u Gqirha woNyango Lwemfuyo e: Oudtshoorn	044-203-9443/5	DOA.svoudtshoorn@westerncape.gov.za	43 Van Der Riet St, Oudtshoorn
u Gqirha woNyango Lwemfuyo e: Worcester	021-808-5052	DOA.svworcester@westerncape.gov.za	30 Van Arckel St, Worcester